Isifundo 11

** 7–13 Matshi*

Ukusuka Edabini Kuye Ekoyiseni

SABATHA EMVA KWEMINI

Fundela Isifundo Sale Veki:
Efese 6:12, Daniyeli 10, Ezra 4:1–5, Yosh. 5:13–15, IsiTy. 1:12–18, Kol. 2:15, Roma 8:37–39.

Indima Yenkumbulo:
“Wena ndoda ethandwe kakhulu, musa ukoyika! Yiba noxolo; yomelela, ewe, yomelela! (Daniyeli 10:19, NKJV).

UDaniyeli 10 ungenisa umboniso wokuphela kukaDaniyeli, esiqhubeka kwisahluko se-11 nese-12. Sixelelwa zisuka ukuba lo mbono ungo“zengezenge ke olukhulu” (Dan. 10:1). Lo gama uDaniyeli 11 efaka inyama yeenkcukacha yeli dabi, uDaniyeli 10 ubonisa amacala asemoyeni aveze ukuba, ngaphaya kwemiboniso yamadabi asemhlabeni kukho idabi lasemoyeni elilelezwe lonke. Xa sifunda esi sahluko siza kubona ukuba xa sithandaza, siquka olu ngquzulwano lwezwe lonke ngendlela oluneziphumo ezididayo. Phofu asisedwa ekulweni kwethu; uYesu usedabini noSathana ngenxa yethu. Siza kufunda ukuba umlo esikuwo wokugqibela awulwi namagunya abantu basemhlabeni kodwa namagunya obumnyama.

Ngokutsho kompostile uPawulos sekuziinkulungwane emva kukaDaniyeli: “Kuba kweli dabi lethu asilwi nabantu, kodwa silwa nemimoya ekhohlakeleyo esesibhakabhakeni, izilawuli, nabasemagunyeni, kunye nemimoya engcolileyo yeli phakade lobumnyama” (Efese 6:12, IBHAYIBHILE). Ekugqibeleni, impumelelo yethu kweli dabi ihleli phezu kukaYesu Kristu, onguYe yedwa owoyise uSathana emnqamlezweni.

**Funda Isifundo sale veki ukulungiselela iSabatha ka 14 Matshi.*

Ukuzila Nokuthandaza, Kwakhona

Funda: Daniyeli 10:1–3. Yintoni esiphinda simfumane uDaniyeli eyenza?

UDaniyeli akazicacisi izizathu zokwandisa kwakhe amaxesha okukhala. Phofu ukuthethela okuzinge ngolo hlobo kukholisa kakhulu ukuqhutywa yimeko yamaYuda, asanda kubuya eBhabheli ukuya ePalestina.

Funda: Ezra 4:1–5. Ithini imingeni awajongana nayo amaYuda ekubuyeni kwawo?

Siyazi kuEzra 4:1–5 ukuba ngeli xesha amaYuda ajongana nennkcaso enkulu xa ayezama ukuvuselela itempile. AmaSamariya athumela iingxelo zobuxoki kwiBhotwe lamaPersi, ekhuthaza ukumkani ukuba awunqande umsebenzi wokwakha. Ejongene neentlekele ezinjalo, uDaniyeli wamcenga uThixo ukuba akhuthaze uKoreshi ukuba awuvumele umsebenzi ukuba uqhubeke. Ngeli xesha, ingathi uDaniyeli usondele kuma-90 eminyaka ubudala. Akacingi ngaye kodwa ngabantu bakhe nemingeni abajongene nayo. Uyazingisa emthandazweni iiveki ezintathu zonke phambi kokuba azuze impendulo evela kuThixo. Ngeli xesha, umprofeti ulandela indlela ekhethekileyo yokutya, eyeka izimuncumuncu namafutha okuthambisa. Akakunakanga konke okwakhe ukonwaba nembonakalo, kodwa ukhathalele nzulu ukuhlala kakuhle kwamaYuda akubo eYerusalem kwisithuba sewaka leemayile kude. Xa sikhangela ubomi bokuthandaza kukaDaniyei, sifumana izifundo ezine xabiso. Kuqala, kufuneka sizingise ekuthandazeni, nokuba izicelo zethu aziphendulwa kwangoko. Okwesibini, kufuneka sinikele xesha lokuthandazela abanye. Ikho into ekhethekileyo engomthandazo wokuthethela. Khumbula ukuba "UYehova wakubuyisa ukuthinjwa kukaYobhi, akubon' ukuba ubathandazele oowabo" (Yobhi 42:10). Okwesithatu, umthandazo uyamchukumisa uThixo ukuba enze into ephathekayo okanye eyiyo. Ngoko ke, masisoloko sithandaza zonke iintlobo zemithandazo. Xa sijongene nezilingo ezinganyamezelekiyo, iinkathazo ezinkulu, nemingeni eyoyisayo, masiyithabathe imithwalo yethu siyise kuThixo ngomthandazo (Efese 6:18).

Funda: Daniyeli 10:12. Kusixelela ntoni oku ngomthandazo njengamava anento ajonge kuyo echukumisa ukuba uThixo enze into esenza ukuba sizive mnandi ngoThixo?

Umbono Womthetheli

Funda: Daniyeli 10:4–9. Kwenzeka ntoni kuDaniyeli apha?

Xa uDaniyeli echaza amava akhe, kunzima nokuba sicinge ngobuqaqawuli obugubungelayo bento ayibonayo. Le mbonakalo yomntu (Dan. 10:5, 6) ibuyela emva ku"Nyana woMntu" ekuthethwe ngaye embonweni womgwebo ezulwini (Dan. 7:13). Impahla yaKhe yelinen ihambelana nezambatho zobubingeleli (Lev. 16:4), into efanisa lomntu "noMtheteli womkhosi" oboniswe ngokuhlangene nengcwele yasezulwini (Daniyeli 8). Igolide ikwayanyaniswa nempahla yobubingeleli njengophawu lwesidima. Ekugqibeleni ukufaniswa kwalo mtu nombono, umlilo, ubhedu, nelizwi elinamandla kumzoba njengongaphezulu kwendalo. Ngumntu lo onikwe iimpawu zobubingeleli, ezobukumkani, nezokulwa. Lo mntu ukwabonisa ukufana okunika umdla kumntu wasezulwini obonakele kuYoshuwa kanye phambi kwedabi lokulwa neYeriko. (Yosh. 5:13, 14). Embonweni, uYoshuwa ubona "uMthetheli womkhosi kaYehova." Okunika umdla, igama lesiHebhere eliguqulwe ngokuthi "mthetheli" (sar) apha linye negama eliguqulwe ngokuthi "mthetheli" kubhekiswa kuMikayeli kuDaniyeli 10:21. Kona okusondele kakhulu kuphakathi kukaDaniyeli noYohane.

Ziintoni ezifanayo esizifumana phakathi kombono kaDaniyeli ngoThixo kuDaniyeli 10 naleyo kaYoshuwa 5:13–15 nakwisiTyhilelo 1:12–18?

NgokukaDaniyeli, abo bakunye naye boyika, waza yena uDaniyeli wawa phantsi etyhafile ephelelwe ngamandla. Ukubonakala kobukho bukaThixo bamgubungela bamoyisa. Kanti ke, nokuba kuyintoni ukoyika kwakhe ngoku, umbono kaDaniyeli ubonisa ukuba uThixo uyayilawula imbali. Ngokwenene, njengoko umbono utyhileka, siya kubona ukuba uThixo umnika uDaniyeli umzobo wembali yoluntu kususela kumaxesha omprofeti kuse ekumiselweni kobukumkani bukaThixo (Daniyeli 11 and 12).

Ukuba, njengoko sibonile kaninzi kuDaniyeli, uYehova unako ukuyigcina imbali phantsi kolawulo, yintoni esinokuyenzela ubomi bethu ngabanye?

Lwesibini

10 Matshi

Ukuchukunyiswa Yingelosi

Funda: Daniyeli 10:10–19. Yintoni eyenzeka kwixesha ngalinye ingelosi ichukumisa uDaniyeli?

Oyiswe kukubengezela kokukhanya kwezulu umprofeti uyawa. Ngoko ingelosi iyafika imchukumise imthuthuzele. Xa siyifunda imbali, qaphela ukuba ingelosi imchukumisa kathathu uDaniyeli. Ukuchukumisa kokuqala kumenza umprofeti akwazi ukuma aphulaphule amazwi entuthuzelo avela ezulwini: "Musa ukoyika, Daniyeli, kuba kususela kumhla wokuqala, owayinikelayo intliziyo yakho ekuqondeni nasekuzithobeni phambi koThixo wakho, aviwa amazwi akho, mna ke ndize ngenxa yamazwi akho" (Dan. 10:12). Umthandazo kaDaniyeli ulichukumisile izulu. Kuthi oku kuza njengesiqinisekiso sokuba uThixo uyayiva imithandazo yethu, nto leyo eyintuthuzelo enkulu ngamaxesha embandezelo. Ukuchukumisa kwesibini kumenza uDaniyeli akwazi ukuthetha. Umprofeti uthulula amazwi wakhe phambi kukaYehova, exela izimvo zokoyika kwakhe nemvakalelo yakhe: "Mnumzana, lo mbono unditsho ndonganyelwa kukoyika; ndiphelelwe ngamandla. Kuxa bendingubani ke mna sicaka sakho, ukuba ndide ndithethe nenkosi yam? Sendiphelelwe nangamandla la kunzima nokuphefumla oku" (Dan. 10:16, 17, IBHAYIBILE). Ngoko ke, uThixo, akaneli nje ukuthetha nathi; ufuna ukuba sivule imilomo ukuze sikwazi ukumxelela izimvo, izidingo, neminqweno yethu.

Okwesithathu ukuchukunyiswa kuzisa amandla kuye. Uthi xa uDaniyeli ekuqonda ukungabi namandla kwakhe, ingelosi imchukumisa imthuthuzele ngoxolo lukaThixo: "Musa ukoyika, ndoda inqwenelekayo, yiba noxolo; yomelela, yomelela!" (Dan. 10:19). Khumbula ukuba ingelosi ibithunyelwe kuDaniyeli ukuza kuphendula imithandazo yakhe, ukuze imnike imbono nokuqonda. Ngamanye amazwi, umbono olandelayo kwisahluko 11 uza kuba ngojonge ukumkhuthaza uDaniyeli ukusabela kukulila kwakhe nokucamngca ngemeko ekhoyo eYerusalem. UThixo engakwicala lethu, ngoko, sinako ukuba noxolo naxa sijongene nembandezelo. Inkcukumiso yaKhe yothando isenza sikwazi ukukhangela ngethemba kwixesha elizayo. "Kuthi thina bakwiihambo eziqhelekileyo zobomi, izulu linokuba likufutshane kakhulu."—Ellen G. White, *Owayelangazelelwa Emaphakadeni*, iph. 35.

Kukangaphi ucinga ukuba lisondelelene kangakanani izulu nomhlaba? Ubungaphila njani ukuba ubungasoloko uyigcinile le nyaniso entliziyweni nasengqondweni yakho?

Idabi Elikhulu

Funda: Daniyeli 10:20, 21. Yintoni etyhilwe kuDaniyeli apha?

Umthunywa wasezulwini utsalela umdiyadiya ecaleni atyhilele uDaniyeli imfazwe yomhlaba wonke ethi yenzeke ngaphaya ngasemva kwemiboniso yembali yoluntu. Ngako nje ukuba uDaniyeli aqalise ukuthandaza, idabi lasemoyeni phakathi kwezulu nomhlaba liyaqala. Izidalwa zasezulwini zaqala ukulwa nokumkani wasePersi ukuba akhulule amaYuda aqhubeke nokwakha itempile. Siyazi kwasekuqaleni kukaDaniyeli 10 ukuba ukumkani wasePersi yayinguKoreshi. Phofu ke, ukumkani womntu eshiywe yedwa akakwazi ukunika inkcaso ebonakalayo kumntu wasezulwini. Le nto ibonisa ukuba ngasemva kukakumkani womntu kumi umthunywa ongumoya okhuthaza uKoreshi ukuba anqande amaYuda ekwakheni ngokutsha itempile. Imeko efana naleyo yenzeka kuHezekile 28, apho ukumkani waseTire amele uSathana, igunya elingumoya ngaphaya kokumkani ongumntu weso sixeko. Ngoko ke, akumele kumangalisa ukuba ukumkani wasePersi aze kulwa naye uMikayeli uquka uSathana neengelosi zakhe.Oku kubonisa ukuba inkcaso yabantu ekwakhiweni kwetempile eYerusalem inomceph' ucandiwe kwinqwanqwa lasemoyeni.

Funda: Daniyeli 10:13. Loluphi uhlobo lwedabi elichazwe apha?

"Lo gama uSathana wayezamana nokuphembelela amagunya obukumkani baseMedo-Persi ukuba abonise ukungabathandi abantu bakaThixo, iingelosi zona zazisebenza kunye nabafuduswa. Imbambano yile lonke izulu lalinomdla kuyo. Ngomprofeti uDaniyeli, sikrotyiswe kweli dabi likhulu phakathi kwemikhosi yokulunga nemikhosi yobubi. Kwaba ziiveki ezintathu uGabriyeli esilwa namagunya obumnyama, ezama ukuthintela iimpembelelo ezisebenzayo engqondweni kaKoreshi; kwathi phambi kokuba iphele impikiswano, uKristu ngokwaKhe weza ukuba amncede uGabriyeli. "Ke umthetheli wobukumkani bamaPersi wamelana nam imihla engamashumi amabini anamanye," watsho uGabriyeli; "uyabona, uMikayeli, omnye wakubathetheli abaziintloko, weza kundinceda; mna ndamoyisa khona, kookumkani bamaPersi." Daniyeli 10:13. Into ekuphela kwayo eyayinokwenziwa lizulu ngenxa yabantu bakaThixo, yenziwa. Ekugqibeleni uloyiso lwazuzwa; imikhosi yotshaba yabuyiswa umva yonke imihla kaKoreshi, nayo yonke imihla yonyana wakhe uCAMBYSES [Khambisesi], owalawula iminyaka esixhenxe enesiqingatha."—Ellen G. White, *Abaprofeti Nookumkani,* amaph. 474, 475.

Umthetheli Owoyisayo

Oyena mntu ugqamileyo encwadini kaDaniyeli ngumntu ekuthiwe kuqala ngu“Nyana woMntu” (Dan. 7:13) okanye ngu“Mthetheli womkhosi” (Dan. 8:11). Ekugqibeleni, sifunda ukuba igama lakhe nguMikayeli (Dan. 10:12), elithetha ukuthi “Ngubani ofana noThixo?” Uze ukuba ancede uGabriyeli kwidabi nokumkani wasePersi (Dan. 10:13). Ingelosi ibhekisa kulo mntu wasezulwini ngokuthi ngu“Mikayeli umthetheli wenu” (Dan. 10:21), oko kukuthi, umthetheli wabantu bakaThixo. UMikayeli uvela kamva encwadini kaDaniyeli njengaLowo umele abantu bakaThixo (Dan. 12:1). KuYuda 9, sifunda ukuba uMikayeli, okwabizwa ngokuba sisiphatha-zithunywa, ulwa noSathana, avuse uMoses. IsiTyhilelo 12:7 siveza ukuba uMikayeli umi njengenkokeli yomkhosi wasezulwini, othi woyise uSathana neengelosi zakhe eziwileyo. Ngoko uMikayeli akanguwumbi ingenguye uYesu Kristu. Njengoko ubukumkani basePersi bunomphathi-mkhosi owongamileyo, amandla angumoya ami emva kwenkokeli yabo engumntu, ngoko nabantu bakaThixo banoMikayeli uMphathi oyiNtloko womkhosi, othi angene phakathi ukuba alwe oyise kwimfazwe yezwe lonke ngenxa yabo, abantu bakaThixo.

Funda: Kolose 2:15. UYesu uluzuze njani uloyiso kwimfazwe yezwe lonke?

Njengoko sijongene nemikhosi yobubi, singanalo ukholo kuYesu njengentshatsheli yethu. Wamoyisa uSathana kwasekuqalekeni kolungiselelo lwaKhe lwasekuhleni. Ngexesha lokuphila kwaKhe emhlabeni, wamoyisa uSathana entlango xa wayemhlasela ngezihendo, ulwa neemfumba zeedemon, ukhulula abantu kwigunya lobumnyama. UYesu woyisa ububi naxa buzifihle ngaphaya komzamo kaPetros ukuthintela ukuba uYesu aye eKalvari. Emazwini aKhe okugqibela kubafundi, uYesu uthetha ngokufa okusondeleyo njengoko idabi, elaliza kuphela ngokoyiswa ngokupheleleyo kukaSathana likufuphi: “Kungoku ukugwetywa kwalo eli hlabathi; kungoku umphathi walo eli hlabathi aya kukhutshelwa phandle. Mna ke, ukuba ndithe ndaphakanyiswa emhlabeni, ndiya kubatsalela bonke kum” (Yohane 12:31, 32).

Ngamanye amaxesha siyabhekabheka, izinto zikhangeleka zimbi kakhulu. Ububhovubhovu, ukuziphatha kakubi, inkohlakalo, nezifo izinto ezivela kuyo yonke indawo. Utshaba olungenziwanga ngenyama negazi, lusihlalela ngamandla macala onke. Nokuba amadabi ekufuneka siwalwile anzima kangakanani, uYesu uyasilwela abuye ame njengoMthetheli wethu noMbingeleli omKhulu engcweleni yasezulwini.

Funda: Roma 8:37–39. Singasenza njani isithembiso sokuba ngaboyisi sibe ngamava angawo ebomini bethu bobuKristu?

Ingcamango Eyongeziweyo:

"Kwaba ziiveki ezintathu uGabriyeli esilwa namagunya obumnyama, ezama ukuthintela iimpembelelo ezisebenzayo engqondweni kaKoreshi. . . . Into ekuphela kwayo eyayinokwenziwa lizulu ngenxa yabantu bakaThixo, yenziwa. Ekugqibeleni uloyiso lwazuzwa; imikhosi yotshaba yabuyiswa umva yonke imihla kaKoreshi, nayo yonke imihla yonyana wakhe uCAMBYSES."—Ellen G. White, *Abaprofeti Nookumkani*, iph. 475. "Imbeko engako enikwe uDaniyeli yinNgangalala yezulu! Yamthuthuzela umkhonzi waYo ongcangcazelayo yamqinisekisa ukuba umthandazo wakhe uviwe ezulwini. Ukuphendula loo mthandazo uzingileyo, ingelosi uGabriyeli yathunyelwa ukuba ichukumise intliziyo kakumkani wasePersi. Ukumkani wayexhathise ekuthetheni kukaMoya kaThixo iiveki ezintathu lo gama uDaniyeli wayezilile ethandaza, kodwa uMthetheli wasezulwini, uMphathi wezithunywa, uMikayeli, wathunyelwa ukuba ajike intliziyo yokumkani onenkani ukuba yenze isigqibo sokuphendula umthandzo kaDaniyeli."—Ellen G. White, *The Sanctified Life*, p. 51.

Imibuzo Yokuxoxwa:

1. Nangona singengabo abantu bokuqala kwimbali yobuKristu ukuyibona le nyaniso, njengama-Adventists siqinile ekuvakaliseni umxholo "imbambano enkulu," okanye ingcamango ethi indalo yonke (iyunivesi) iyinxalenye yendumasiso yemfazwe phakathi kukaKristu noSathana. Kunjalo nje siyakholwa ukuba wonke umntu, ngokwenene, uyabandakanyeka kule mbambano. Abanye, nakwabangengabo abenkolo, bathethile ngobunyaniso bobukho bedabi elithile apho siphakathi sonke. Athini awakho amava ngembambano enkulu? Ingaba uyibonile ibonakalaliswa ebomini bakho? Ufunde ntoni enokukunceda ukuba uncede abanye abalwayo nabo?

2. Funda: Efese 6:10–18. Qaphela umfanekiselo ophandle womkhosi awusebenzisayo uPawulos. Yeyiphi "imiyalelo yedabi" esiyinikwe apha thina abakwimbambano enkulu?

3. KuDaniyeli 10:11, okwesibini (jonga uDan. 9:23) UDaniyeli ubizwa ngokuthi hamudot, okanye "intanda." Kusixelela ntoni oku ngoqhagamshelano olusondeleyo, nolwemvakalelo, phakathi kwezulu nomhlaba? Cinga ngobukhulu bobukho balo mahluko xa kuthelekiswa nembono yokungakholwa eqhelekileyo kokuninzi kwihlabathi langoku. Themba lini ethi le mbono yeBhayibhile isinike lona, njengoko ibonakala kule ndawo kuDaniyeli?